Isifundo 12

** 13–19 Matshi*

Ulangazelelo Lweentlanga

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Isaya 59; Isa. 59:15–21; Isa. 60:1, 2; Isaya 61; Isa. 61:2.

Indima Yenkumbulo:
"Ziya kuhamba iintlanga zize ekukhanyeni kwakho, ookumkani beze ebumhlotsheni bokuthi chapha kwakho" *(Isaya 60:3)*.

"Kufuneka sifunde esikolweni sikaKristu. Akukho nto ngaphandle kobulungisa baKhe enokusinika ibango kwenye yeentsikelelo zomnqophiso wobabalo. Kudala sinqwenela sizama ukuzuza ezi ntsikelelo kodwa singaze sizizuze kuba sinengcamango yokuba sinolutho esingalwenza ukusenza ukuba sizifanele. Asikhangelanga kude apha kuthi, sikholwe ukuba uYesu unguMsindisi ophilileyo. Akufuneki sicinge ukuba olwethu ubabalo nokuhle kungasisindisa; ubabalo lukaKristu kuphela kwethemba lethu lokusindiswa. Ngomprofeti waKhe, uYehova uyathembisa, "Ongendawo makashiye indlela yakhe, indoda enobutshinga mayishiye iingcinga zayo, ibuyele kuYehova; woba nemfesane kuyo; ibuyele kuThixo wethu ngokuba woxolela ngokukhulu' (Isaya 55:7). Kufuneka silikholelwe idinga elize nje, singamkeli imvakalelo njengokholo. Xa simthemba uThixo ngokupheleleyo, xa sixhomekeka kokuhle kukaYesu njengoMsindisi osixolelayo isono, siya kulwamkela lonke uncedo esilunqwenelayo."—Ellen G. White, *Faith and Works,* p. 36.

Kule veki singabona ngaphezulu ngale nyaniso inkulu njengoko ityhiliwe kwimibhalo kamprofeti uIsaya.

**Funda isifundo sale veki ulungiselala iSabatha kaMatshi 20.*

Iziphumo Zesono (Isaya 59)

KuIsaya 58:3 abantu babuza kuThixo: “Yini na ukuba sizile ukudla, ungaboni? Yini ukuba sizithobe ungasiqapheli?” (NRSV). Kwelinye icala, uIsaya 59:1 unika okufana nomnye umbuzo, okunje ngokuthi: “Kutheni sibangafuna ukuba isandla sikaYehova sisisindise, kodwa akakwenzi oko?” Kutheni sibangakhala kuYe kodwa akasiva?” UIsaya ngelithi, uThixo unako ukusindisa nokuva (Isa. 59:1). Ukungenzi kwaKhe ukwenza nanye kwezi zinto, phofu, ngomnye umcimbi ngokupheleleyo.

Funda uIsaya 59:2. Sithini isigidimi esinikwa apha esiphendla umbuzo kaIsaya 59:1?

UThixo ukhetha “ukungabahoyi” abantu baKhe, kungenguwo umnqweno waKhe lowo, kodwa “yobugwenxa benu obungumqobo phakathi kwenu noThixo wenu” (Isa. 59:2, NRSV). Esi sesinye seentetho ezicace kakhulu eBhayibhileni ngesiphumo sesono kubudlelane bukaThixo nomntu. UIsaya usichitha sonke esi sahluko enaba kule ngongoma, ebonakala kuyo yonke imbali yoluntu: Isono siyakwazi ukubutshabalalisa ubudlelane bethu neNkosi kuze kukhokelele kwintshabalalo yethu kanaphakade—kungengakuba isono siyamgxotha uThixo kuthi kodwa sigxotha thina kuThixo.

Funda uGenesis 3:8. Lo mzekelo uwutyhila njani umthetho-siseko obekwe kwesi siqendu singentla?

Isono, ngokwemvelo yaso, sikukumala uThixo, ukumka kuYe. Kona kona, ukwenza isono kuyasidla ngokwaso kuba isenzo asaneli nje ukumka kuThixo kodwa isiphumo sesenzo simenza umoni ukuba emke kakhulu ngakumbi eNkosini. Isono siyasahlula kuThixo, kungangakuba uThixo ebengeke afikelele kumoni (ngokwenene, iBhayibhile yonke ayinto yimbi ngaphandle kwengxelo kaThixo esiza kusindisa aboni) kodwa kuba isono sisenza ukuba sikwale ukusibiza kwaKhe ukuba sihlale sibonisane naYe. Yiyo le nto kubalulekile ukuba singasinyamezeli isono ebomini bethu.

Ingaba zeziphi iindlela othe wanamava obunyaniso bokuba isono siyasahlula kuThixo? Yintoni, kwawakho amava, ekuphela kwayo esisisombululo kule ngxaki?

Ngubani Oxolelweyo? (Isa. 59:15–21)

UIsaya 59 unika umfanekiso owothusayo wengxaki yesono. Ngethamsanqa, iBhayibhile ikwanika ithemba lokuHlangulwa. Kuqala, umbuzo wokuqala uthi, Bangaphi kuthi abonileyo? IBhayibhile ayingabazi: Sonke sonile. Ukuhlangulwa, ke ngoko, akunakuxhonywa kukungabikho kwesono; kufuneka kuxhonywe ekuxolelweni (Yer. 31:34). UPawulos uyavuma. Sonke sonile (Roma 3:9–20, 23); ngoko, akukho kwahluka ngenxa yoko (Roma 3:22). Abo bagwetyelweyo bangabonwa njengamalungisa, kuphela kuba bamkele ngokholo isipho sobulungisa bukaThixo ngombingelelo [okanye ngokuzincama] kaKristu.

Funda: Roma 3:21–24. Zisixelela ntoni ezi ndima ngendlela esingasindiswa ngayo? Themba lini ezimele ukusinika lona emgwebeni?

Abantu abaninzi bacinga ukuba umbuzo emgwebeni uthi: Ngubani owonileyo? Kanti ke asinguwo umbuzo lowo odinga ukuba siwubuze, kuba wonke umntu wonile. Endaweni yoko, umbuzo uthi: Ngubani oxolelweyo? UThixo ulilungisa xa egwebela "lowo ukholwayo kuYesu" (Roma 3:26, NRSV). Into eyenza isigqibo emgwebeni ithi, Ngubani okwamkeleyo waqhubeka nokulwamkela uxolelo ngokuba nokholo kuYesu? Ngoku, yinyaniso ukuba sibonwa ngemisebenzi, kungekuko ukuba sisindiswa ngemisebenzi. Ukuba kunjalo, ukholo lwenziwa lungabi nto (Roma 4:14). Endaweni yoko, imisebenzi yethu iveza ukuba sisindisiwe na ngokwenene (Yakobi 2:18).

Kutheni le nto imisebenzi ingenako ukusisindisa, ngoku okanye emgwebeni? Bona umaRoma 3:20, 23.

Sekusemva kakhulu ukuba imisebenzi elungileyo, okanye ukuthobela umthetho, kungasindisa nabani. Injongo yomthetho kwihlabathi elinesono asikukusindisa kodwa kukwalatha isono. Endaweni yoko, "ukholo olusebenza ngothando" (Gal. 5:6, NRSV), uthando oluthululelwa ezintliziyeni zethu nguMoya kaThixo (Roma 5:5), lubonisa ukuba umntu unokholo oluphilileyo kuYesu (bona nakuYakobi 2:26). Imisebenzi ikokubonakala ngaphandle kobukho bokholo olusindisayo emntwini. Kungoko, amava ayinyaniso omKristu ngala ekuthi kuwo ukholo lubonakaliswe ekuzinikeleni imihla ngemihla eNkosini okuthi lubonakale ngokuthobela umthetho. Emgwebeni, uThixo usebenzisa imisebenzi njengesibonakaliso kwizidalwa zaKhe, ezingakwazi kuzifunda iingcinga zokholo njengoko Yena ekwazi. Emntwini oguqukileyo, kuphela yimisebenzi elandela inguquko, bakuba ubomi bunikwe amandla nguKristu noMoya Oyingcwele, efanelekileyo emgwebeni. Ubomi besono bangaphambi kwenguquko sele buhlanjiwe ngegazi leMvana (bona umaRoma 6).

Lwesibini

16 Matshi

Isibheno Kumhlaba Wonke (Isa. 60:1, 2)

Uthetha ngantoni uIsaya 60:1, 2? Ngumthetho-siseko othini owubona usebenza apho obonakala kuyo yonke iBhayibhile? Unika ithemba elithini?

KuIsaya 60:1, 2, sinikwe umfanekiso wokuhlangula kukaThixo abantu baKhe, kulandela ukubhaca, okuboniswe ngomfanekiselo wokudala kukaThixo ukukhanya ngobumnyama nokwalatha phambili ekuzalisekeni kokugqibela kokusindiswa ngoKristu.

KuIsaya 60:3, izizwe nookumkani ziza ekukhanyeni kukabani?

EsiHebhereni lo mntu ukwisinye esikwisikhomokazi (bona nakuIsa. 60:1, 2). Umele ukuba yi"Ziyoni," esisimntwiso esingumfazi, okhankanywe kufuphi nokuphela kwesahluko esidlulileyo (Isa. 59:20). Ngoko, abantu basemhlabeni, abagqunywe bubumnyama, baya kuza eZiyoni. Baya kutsalwa kukukhanya kobuqaqawuli bukaThixo obuphume kuyo [iZiyoni] (Isa. 60:2). "IZiyoni iyabizwa ukuba ingene ekukhanyeni okukokwayo ukuze ibone, isabele kwizizwe xa zihlangana koko kukhanya kunye."—J. Alec Motyer, The Prophecy of Isaya: An Introduction and Commentary, p. 494. Qaphela ukuba, nangona iZiyoni iyiYerusalem, kucinezelwe kakhulu kubantu kunendawo yesixeko. Okuseleyo kuIsaya 60 kuphuhlisa umongo ovezwe kwiindima 1-3. Abantu behlabathi batsalelwa eYerusalem, esikelelwe ngenxa yobukho bobuqaqawuli bukaThixo apho.

Sifana njani esi siprofeto nesithembiso somnqophiso kaThixo kuAbraham? Gen. 12:2, 3. Azithethi nto inye?

UThixo wayenjongo yendalo yonke xa wayenyula uAbraham nenzala yakhe: NgoAbraham zonke iintsapho zomhlaba ziya kusikeleleka (Gen. 12:3, Gen. 18:18, Gen. 22:18). Ngaloo ndlela, umnqophiso kaThixo noAbraham ekugqibeleni wawulungiselelwe ukuba ube ngumnqophiso nalo lonke uluntu ngoAbraham. Yena nenzala yakhe babeza kuba lijelo lentyilelo ehlabathini. UIsaya wayefuna ukubabuyisela abantu kwisiphelo sabo sakudala sayo yonke indalo. Njengabameli bakaThixo oyinyaniso, babeza kuba noxanduva, kungekuphela olwabo bodwa kodwa nolwehlabathi. Kwakufuneka babamkele abasemzini abafuna uThixo (bona nakuIsa. 56:3–8), kuba itempile yaKhe "kuya kuthiwa yindlu yokuthandaza kuzo zonke izizwe" (Isa. 56:7).

Ngokwale ndawo, uyiqonda njani inxaxheba yebandla lamaSeventh-day Adventists, okanye, ngokucacileyo, eyakho buqu inxaxheba kwelo bandla?

Lwesithathu

17 Matshi

“Umnyaka Wetarhu LikaYehova”

(Isa. 61:2, NRSV)

Ngubani othethayo kuIsaya 61:1?

UMoya kaThixo uphezu kwalo mntu uthanjisiweyo, nto leyo etheha ukuba ungothanjisiweyo okanye ungOthanjisiweyo. Uza “kuzisa iindaba ezilungileyo kwabacinezelweyo, abophe abantliziyo zaphukileyo, avakalise inkululeko kwababotshiweyo, nenkululeko kumabanjwa” (Isa. 61:1, NRSV). Kuvakala ngathi ngubani lo? Thelekisa noIsaya 42:1–7, apho uMkhonzi kaThixo achazwa khona kanye ngamazwi afanayo. UIsaya 61:2 uthetha ngo“mnyaka owamkelekileyo kaYehova.” UMesiya, othanjisiweyo njengongukumkani wendlu kaDavide nonguMhlanguli, uvakalisa umnyaka wetarhu likaThixo ngexesha evakalisa inkululeko. Thelekisa uLevitikus 25:10, apho uThixo ayalela amaIsrayeli ukuba avakalise inkululeko ngomnyaka ongcwele wamashumi amahlanu: “Woba ngowentlokoma kuni, ukuba nibuyele elowo elifeni lakhe, nibuyele elowo emizalwaneni yakhe.” Oku kuthetha ukuba abantu ababenyanzelwe ukuba bathengise umhlaba wooyise mkhulu okanye babe ngabakhonzi ukuze basinde ngamaxesha anzima (Lev. 25:25–55) babeza kubuyiselwa imihlaba nenkululeko yabo. Kuba umnyaka wentlokoma waqala ngokuvuthelwa kwexilongo neMini yoCamaguseho (Lev. 25:9), siyikhankanyile le ndawo ngaphambili ngokuhlangene noIsaya 58.

Nangona “umnyaka wetarhu likaYehova” kuIsaya 61:2 uluhlobo lomnyaka wentlokoma, asikuko ukugcina nje kukaLevitikus 25. Lo mnyaka uvakaliswa nguMesiya, uKumkani, xa eziveza Yena ngokwaKhe ngolungiselelo lokukhulula nokubuyisela. Oku kuyafana noko kwakusenziwa ngookumkani baseMesopotami ababekhuthaza ububele phakathi kwabantu ngokuvakalisa ukukhululwa ematyaleni ngeminyaka yokuqala yokulawula kwabo. Ulungiselelo lukaMesiya luyadlula kakhulu kumhlaba womthetho kaLevitikus 25. Akaneli nje uku“vakalisa inkululeko kubathinjwa,” ukwahlanganisa abantliziyo zaphukileyo, athuthuzele abo bakhalayo, aze azise ukubuyiselwa kwabo (Isa. 61:1–11). Ukudlula apho, ukongeza “kumnyaka wetarhu likaYehova,” uvakalisa “imini yempindezelo kaThixo” (Isa. 61:2).

Sazaliseka nini isiprofeto sikaIsaya? Luka 4:16–21. Ulungiselelo lukaYesu lwakufeza njani oku? Kanti ke, zibuze lo mbuzo ubalulekileyo: Thina, phofu, asingoYesu. Sekunjalo, kufuneka simmele ehlabathini. Zinto zini azenzayo uMesiya, njengoko zixeliwe kuIsaya 61:1–3, thina, kwizakhono ezinqongopheleyo, esifanele ukuba siyazenza, nathi? Zeziphi iindlela eziphathekayo esingazenza ngazo ezi zinto?

Lwesine

18 Matshi

“Umhla Wempindezelo YoThixo Wethu”
(Isa. 61:2, NRSV)

Phakathi kwazo zonke iindaba ezilungileyo, kutheni uMesiya, ngolu hlobo azotywe ngalo kuIsaya 61, evakalisa imini kaThixo yempindezelo? Sizaliseka nini esi siprofeto?

Xa wayeseNazarete, uYesu, uMesiya, (Funda uIsaya 61 ufikelele ku “ukumemeza umnyaka wetarhu likaYehova” Isa. 61:2, Luka 4:19). Emva koko wapheza wathi, “Namhlanje esi sibhalo sizalisekile ezindlebeni zenu” (Luka 4:21). Ngoko, wenza ngabom nangokuqinisekileyo ukuba akuphephe ukuwafunda amazwi alandelayo aloo ndima: “umhla wempindezelo kaThixo wethu” (Isa. 61:2). Nangona ulungiselelo lwaKhe lweendaba ezilungileyo, inkululeko, nentuthuzelo lwaluqala ukukhulula ababanjiweyo kubungonyama bukaSathana, imini yempindezelo yayingekafiki. KuMateyu 24 (thelekisa noMarko 13, Luka 21), kuprofetwe kubafundi baKhe ukuba izigwebo zikaThixo ziya kuza kwixesha elizayo. Ngokwenene, kuIsaya 61 imini yempindezelo kaThixo yi“mini enkulu neyoyikekayo kaYehova” (Yoweli 2:31; Malaki 4:5), eya kuzaliseka xa uKristu efikile ukuza kukhulula iplaneti uMhlaba ekuswelekeni kobulungisa ngokoyisa iintshaba zaKhe nokundulula amasalela abantu baKhe acinezelweyo ekhululekile (IsiTyhilelo 19; thelekisa noDan. 2:44, 45). Ngoko, nangona uKristu wavakalisa “komnyaka wetarhu likaYehova,” ukwenzeka kwalo kusekufikeni kwaKhe kwesibini.

Uyihlanganisa njani imbono yoThixo onothando noThixo okwathembisa impindezelo? Ingaba ezi ngcamango ziyahambelana? Okanye uyayiqonda impindezelo njengokubonakalaliswa kolo thando? Ukuba kunjalo, kanjani? Yichaze imphendulo yakho.

Nangona uYesu athe masizise esinye isidlele (Mat. 5:39), kwenye indawo ukucacisile kakuhle ukuba ubulungisa nohlwaya kuya kwenziwa (Mat. 8:12). Nangona uPawulos esithi, “kungabikho bani ubuyekeza ububi ngobubi” (1 Tes. 5:15), ukwatsho ukuthi xa iNkosi ibonakala ivela ezulwini, inomlilo ovuthayo, iya “kubaphindezela abangamaziyo uThixo” (2 Tes. 1:8). Umahluko, phofu, ngowokuba, iNkosi ngobulumko nenceba ezingenasiphelo, inako iyodwa ukuzisa kokubini ubulungisa nempindezelo ngendlela elunge ngokupheleleyo. Ubulungisa bomntu, impindezelo yomntu, iza inazo zonke iimpazamo, ubuthakathaka, nokungahambi kakuhle koluntu. Ubulungisa bukaThixo bona buya kufika bungenayo loo mida [okanye oko kuqhwalela].

Yeyiphi kwezi meko zilandelayo engakwenza ukuba uthande kakhulu ukubona impindezelo ibuyiselwa kumntu owenza okubi? (1) Umntu owenza buhlungu omnye ongamthandiyo okanye (2) umntu owenza buhlungu omnye omthandayo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Bona nakuEllen G. White, Amanyange Nabaprofeti, amaph. 376–378; also *Ulangazelelo Lwamaphakade*, amaph. 236–243. "UYesu wasuka wema phambi kwabantu engumchazi ophilileyo weziprofeto ezingaYe. Echaza amagama awayewafundile, wathetha ngoMesiya njengomkhululi wabacinezelweyo, umkhululi wabathinjwa, umphilisi wabathuthunjiswayo, umbuyiseli wokubona kwabazimfama, notyhilela ihlabathi ukukhanya kwenyaniso. Indlela yaKhe eyayinomdla, nokubaluleka kwamazwi aKhe, kwabavuyisa abo babephulaphule ngamandla abangazange baziva benawo ngaphambili. Umsinga wempembelelo engcwele wawisa yonke imiqobo; njengoMoses, babona Ongabonwayo. Zathi xa iintliziyo zabo zichukunyiswa nguMoya Oyingcwele, baphendula ngooamen abashushu nokumdumisa uYehova."—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 237. "Imini kaThixo yempindezelo iyeza-imini yoburhalarhume bengqumbo yaKhe. Ngubani oya kuma ngemini yokuza kwaKhe? Abantu bazenze lukhuni iintliziyo zabo ngakuMoya kaThixo, kodwa iintolo zengqumbo yaKhe ziya kuhlaba apho iintolo zengcinga zazingakwazi. UThixo uya kuthi kungekudala asuke asebenze ngomoni. Angaba umalusi wobuxoki angamkhusela umoni ngaloo mini? Angakwazi yini ukuzithethelela owayelandela isininzi kwindlela yokungathobeli? Kungaba ukuthandwa ngabo bonke okanye amanani enza nabani ukuba angabi natyala? Yimibuzo le abathi abangakhathaliyo nabangahoye nto abafanele ukuyigqala bayiphendule ngokwabo."—Ellen G. White, *Faith and Works*, p. 33.

Umbuzo Wokuxoxwa:

Umalusi webandla laBalindi, amaSeventh-day Adventists, wayibeka ekhathazekile into yokuba, eyona ngxaki ephambili emsebenzini wakhe yeyamalungu ebandla azinxwemayo kuba engafuni ukuba abanye bazimanye kunye nawo. Enza njani "amaKristu" ukuba athabathe uthando, ithemba, neendaba ezilungileyo zobukumkani bukaKristu azise kulo lonke ihlabathi ukuze abanye babe nethuba lokuba basindiswe ngaphambi kokuba kufike isiphelo (Mat. 24:14) xa wona engafuni nokufuna ukwamkela abantu abaphume endleleni yabo beza kuziveza ebandleni?

Isishwankathelo: UThixo uhlambulula umphakathi ongenabulungisa ngokuthi abasuse abantu abavukelayo nokubuyisela amasalela abuya kwizono ezawahlula kuYe. Ngenxa yeentsikelelo zobukho bukaThixo, abantu abaphuma kwezinye izizwe batsaleleka kuThixo nabantu baKhe ukuze nabo bonwabele ixesha lothando lukaThixo oluvakaliswe lwanikwa nguMesiya.